



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: UHlaziyo lwesi - 2

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile UHlaziyo lweCandelo 2

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	se
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqinisekise ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye nepensile, iikhrayoni, njl.njl • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism kunye nemiBuzo neMpendulo (ngokukodwa kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukufumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko sesifundo

UHlaziyo

Injongo yesifundo

Injongo kukufundisa umntwana wakho ngakumbi malunga nokusasazeka koHlaziyo.

Isishwankathelo sesifundo:

Siza kugxila kwezi zinto zintathu zilandelayo zokusasazwa koHlaziyo.

1. UHlaziyo eSwitzerland kunye no-Ulrich Zwingli noJohn Calvin

- Iimfundiso zikaMartin Luther, ongomnye weenkokeli zoHlaziyo ezinempembelelo, zingasazeka eJamani naseScandinavia.
- Ifikelele kuJohn Calvin kunye no-Ulrich Zwingli bobabini abavela eSwitzerland.
- UZwingli njengoLuther wazisekela iintshumayelo zakhe kwiBhayibhile.
- Wayengakholelwa kwimifanekiso ecaweni, ukuzila ukutya kunye nokuhambahamba.
- Ubenenkxaso enkulu kwiBhunga lesiXeko saseZurich.
- Ukusuka eGeneva eSwitzerland, apho wayehlala khona uCalvin, uHlaziyo lwasasazeka eFrance, ePoland, eNetherlands naseScotland.
- UCalvin wayekhohlelwa ukuba kufuneka uphile ubomi ngokwemigaqo yeBhayibhile kwaye ukuba akunjalo, wohlwaywe!
- Ngexesha lokusweleka kukaCalvin, bekukho amabandla angama-2000 amaProtestanti eFransi

2. Iziphumo zoHlaziyo, ngamanye amazwi, kwenzeka ntoni ngenxa yoHlaziyo.

- Iyantlukwano kwibandla lama Katoliki yabangela ukuxhalaba nokuba imeko yamaKrestu ngelo xesha ibe yingozi Okusenyanisweni, kwakhokelela kwimfazwe eyaqhubeka iminyaka emininzi.
- UHlaziyo ke ngoko aluzange lusasazeke eYurophu kuphela kodwa nakwamanye amazwe: Canada, USA, Mexico, South Africa nase Australia.
- Amabandla amatsha amiselwa.



3. Iimpawu zecawe eziguqukayo. Ukufana kunye nolwahluko

Inkonzo	Ukufana	Umahluko
Inkonzo yase-Anglican eNgilane	<p>lisakramente ezimbini: Ubhaptizo olungcwele kunye noMthendeleko Inxenye yobuCalvinistic, inxenye yobuLutheran (bona ngezantsi) Abafazi banokuba zizisebenzi</p>	<p>Inkonzo ikhokelwa bubukhosi baseBritane (oko kuthetha ukuba iKumkani yeKumkanikazi yaseNgilani) kunye neBhishophu enkulu yaseCanterbury. Imfundiso yabo (inkqubo yabo yenkolo) inxenye bubuLutheran, nenxenye yobuCalvinistic.</p>
Iinkonzo zevangeli yobuLutheran	<p>lisakramente ezimbini: Ubhaptizo olungcwele kunye noMthendeleko Umzimba kunye negazi lika Krestu zidityaniswe kwisonka newayini ngokuzingcwalisa. Abafazi banokuba zizisebenzi</p>	<p>Yaqaliswa nguMartin Luther. Ayinaso uisigqeba sobunkokheli kodwa endaweni yoko libhunga lenkonzo okanye isinodi.</p>
Iinkonzo zoHlaziyeke lweVangeli	<p>lisakramente ezimbini: UBhaptizo olungcwele kunye noMthendeleko Bakholelwa ukuba isonka kunye newayini ziluphawu Iwangaphandle zomzimba negazi likaKrestu. Ubukho bukamoya kaYesu bungaphakathi kubo Abafazi banokuba zizisebenzi</p>	<p>Zamiselwa nguCalvin kunye noZwingli, nazo zine-synod.</p>

Esi sifundo sithetha ntoni kuthi namhlanje?

- Ukukhulisa ulwazi lwethu malunga nexesha loHlaziyo.
- Ukubonisa indlela amahlelo ahlukeneyo akhula ngayo kwinkonzo yamaProtestanti.
- Ukusinika ulwazi malunga nokufana kunye nokwahluka kwezi nkonzo



Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Ngaba amaKristu ayesilwa ngenxa yeenkolo zawo?

Impendulo: Ewe. IBandla lama Katolika aseRoma, Amabandla amaProtestanti (apho kwaphuma i-Anglican, iinkonzo zevangeli zamaLutheran kunye neenkono zevangeli yohlaziyo) zonke ziyinxalenye yeNkolo yobuKrestu. Nangona kunjalo, babeneendlela abazisebenzisayo ngaphakathi kwezi nkonzo ezazibangela ukungavisisani de kuye kwiimfazwe.

2. Ngaba amahlelo awahlukeneyo obuKristu akhe ahlangana na ukuze abe neengxoxo ngexesha lethu?

Impendulo: Kukho iBhunga lweeNkonzo zeHlabathi

3. Yeyiphi ihlelo lobuKristu elona likhulu namhlanje?

Impendulo: INkonzo yamaKatolika aseRoma isenabalandeli abaninzi.

4. Mangaphi amahlelo obuKristu ehlabathini?

Impendulo: Kunzima ukuyithetha kuba ixhomekeka kwindlela amahlelo ahlelwe ngayo kodwa amahlelo amakhulu: AmaKatolika, AmaProtestanti (i-Anglican, Lutheran, Reformed, Presbyterian, Evangelical, Methodist, Orthodox yase-Mpuma (AmaGrike, amaRashiya, namaBhulgariya). Phantsi kwezi nkonzo kukho amahlelo amaninzi.



Umthandazo katata noMama ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kuwe

Thumela uYesu ukuba asilande

Kwaye kunga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen



Amabakala abalulekileyo
